



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE

IBANGA 3

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

ULUHLU 2: 2012 IPHEPHA ELINGUMZEKELO

Isikhokelo sokusebenzisa imizekelo ka-ANA

1. Umbono jikelele

Uvavanyo lonyaka nonyaka (ANA) luvavanyo oludibeneyo lolwazi nezakhono ezifanele ukuphuhliswa, kubafundi bebanga lo-1 ukuya kwele-6 kunye nele-9. Ukuncedisana novavanyo oluqhutywa esikolweni nokuqinisekisa ukuba abafundi bazithemba ngokwaneleyo ukuze bathathe inxaxheba ngempumelelo kwiimviwo zangaphandle, uluhlu lootitshala kunye neencutshe kwizifundo bavelise iimvavanyo eziyimizekelo ezinokusetyenziswa ngootitshala kwizifundo zoLwimi Lwasekhaya neMathematika. Unikwe imibuzo yemizekelo yemvavanyo ethatyathwe kumsebenzi wesikolo wonyaka wekharithulam ukusuka kwikota yokuqala, eyesibini neyesithathu, kunye nesiboniso esipheleleyo sovavanyo (ANA) sebanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo equka nesiboniso esipheleleyo soviwo zongeza kuvavanyo oluqhubekayo esikolweni olwenziwa qho kubafundi nekufuneka lungayekwa.

2. Unxulumano namanye amacebiso okufunda nokufundisa

Ngenxa yokubaluleka kokudibanisa eyindlela yokufundisa, eminye imibuzo ekwimizekelo yeemvavanyo inxulumanyiswe neeNcwadi Zomsebenzi ngokwamabanga. Imizekelo yeemvavanyo iinganiswe neemfuno zekharithulam, kusetyenziswe amaxwebhu ekharithulam i-National Curriculum Statement Grades R-12 (NCS) ne-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) kumabanga ngamabanga, kusetyenziswe nendlela yokuhlola esemthethweni (National Protocol for Assessment). La maxwebhu ewonke kunye nalawo isikolo siwanika utitshala ukuze enze amacebiso angawo okunceda utitshala xa elungiselela izifundo kwakunye naxa esenza uvavanyo olusesikweni.

3. Unxulumano nezinye izixhobo zokufunda nokufundisa

Ukuze kubekho unxulumano olufanelekileyo, eminye imizekelo yezicatshulwa nemibuzo idityaniswe kwiincwadi zokusebenzela zamabanga ngamabanga ezingqale kumgangatho wabafundi. Le mizekelo ilungelelanisiwe ukuze iqwalasele iimfuneko zeNkcazelo yeKharithulam yeSizwe yamabanga R ukuya ku 12 (NCS), iinjongo zekharithulam, iNkcazelo yePolisi yeKharithulam enxulumene namabanga abafundi kunye nendlela yokuhlola esemthethweni. Yonke le miqulu kwakunye neminye imiqulu enokufumaneka esikolweni izizixhobo ezingundoqo ezinokusetyenziswa ukuncedisa ootitshala njengoko bequlunqa izifundo belawula nohlolo olungundoqo (uhlolo olukhulisayo).

4. Isetyenziswa njani imizekelo yovavanyo

Nangona imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye nesifundo ngasinye yenziwe yaza yadityaniswa, utitshala akanyanzelekanga ukuba abafundi abaphendulise ngexesha elinye. Utitshala makakhethe umzekelo onombuzo onxulumene nesifundo asilungiseleleyo. Imibuzo ekhethwe kumzekelo vavanyo okanye iqela lemibuzo enokuphenduleka ngexesha elinye ingasetyenziswa ngokuyekukhula ukufunda nokufundisa ngolu hlobo:

4.1 Ekuqaleni kwesifundo, njengovavanyo lokuqonda nokwahlula izinto abafundi abakwazi ukuzenza/abazaziyo nezo bangakwazi ukuzenza/bangazaziyo. Ukuqonda lo mahluko kukhokhelela ekubeni abafundi bacoselelwe ukufundiswa nokuze kwakhiwe izifundo

ezilungele ukulungisa ezo ngxaki banazo baze baphucule ukuqonda. Olu vavanyo lokuqonda lungenziwa umsebenzi wasekhaya ukonga ixesha.

4.2 Kwisifundo phakathi, uvavanyo olucwangcisiweyo lusetyenziswa ukuvavanya ukuba ulwazi nezakhono zabafundi ziyaphuhla na. Njengoko isifundo siqhuba lukwasetyenziswa ukuvavanya nokuqinisekisa ukuba akukho mfundi ushiyekayo kwisifundo.

4.3 Ukugqibezela isifundo okanye iqela lezifundo uvavanyo oludityanisiweyo luyenziwa ukuvavanya ukuba abafundi bayaqonda kwaye bayakwazi ukusebenzisa ulwazi nezakhono abazifumene kwizifundo. Inkcaza yokuba abafundi baqhube njani mabayinikwe ngoko nangoko, ngelo xesha utitshala wenza isigqibo ngeendawo ezifuna ukuphindwa kwisifundo okanye kwizifundo ukuncedisa ulwazi okanye izakhono ezingaphuhlanga.

4.4 Kuwo onke la manqanaba makusetyenziswe iindlela ngeendlela zokubuza, umz. indlela yokuphendula ngokukhetha kwiimpendulo azinikiweyo, imibuzo efuna impendulo yakhe, imibuzo efuna impendulo emfutshane, njalo-njalo.

Nangona uvavanyo lokufumana ukuqonda novavanyo lokwakha ulwazi lusenokuba lufutshane ngokwemibuzo, uvavanyo oludityanisiweyo lunokuquka imibuzo emininzi kuxhomekeka kumsebenzi osele wenziwe. Okubalulekileyo kukuqinisekisa ukuba abafundi baqhelaniswa nendlela yokuphendula uvavanyo olupheleleyo olufana novavanyo lukazwelonke lonyaka nonyaka (ANA).

5. Imemorandam okanye iindlela zokuphendula

Umzekelo wendlela yokuphendula okanye iimpendulo ezilindelekileyo zilungiselelwe kumzekelo wovavanyo. Ootitshala mabakhumbule ukuba imemorandam ayiniki impendulo igqibeleleyo, Imemorandam inika nje kuphela iimpendulo ezilindelekileyo, ngoko utitshala angamnika umfundi amanqaku ngeempendulo ezahlukeneyo, ezivumelekileyo ezinikwe ngabafundi.

6. Ukugutyungelwa kwekharithulam

Kunyanzelekile ukuba ikharithulam igutyungelwe yonke kwibanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye ayimeli ikharithulam, ikhupha nje iisampula zovavanyo lolwazi nezakhono ezibalulekileyo kwaye zezomsebenzi wekota yokuqala ukuya kweyesithathu yonyaka Isantya sokusebenza somsebenzi ekufuneka wenziwe sinikezelwe kumaxwebhu ekharithulam (CAPS DOCUMENTS).

7. Ukuphetha

Injongo yeSebe leMfundo kukuphucula nokwakha ezona zisekelo zibalulekileyo, ukufunda nokubala kwabafundi. Uvavanyo lonyaka nonyaka sesinye sezixhobo iSebe leMfundo esisebenzisa ukuqaphela ukuba umgangatho wabafundi uyenyuka, uhleli ndawonye okanye uyehla. Izithili neziliko kulindeleke ukuba zancedise ootitshala kwaye zidlulise amacebo aluncedo ukuphucula ukufunda nokufundisa ezikolweni. Ngokusebenzisa imizekelo yokuvavanya njengalinye icebiso lokufundisa, ootitshala baza kunceda abafundi baqhelane neendlela nobuchule bokuvavanya. Ukusetyenziswa kwale mizekelo kuya kunceda abafundi bafumane ulwazi olufanelekileyo baze baphuhlise nezakhono ezinxulumene nokufunda ukuze baphucule kuvavanyo lukazwelonke olulandelayo.



Lusuku lokuqala lukaLinda esikolweni esitsha. Wonwabe kakhulu, kodwa unendawana yokoyika. Bonke abantwana baseholweni kwaye inqununu yamkela abafundi abatsha. Ngethamsanqa umhlobo kaLinda omkhulu, uPinki, ungumfundi omtsha naye. Bonke abafundi abatsha bashiyeka ngemva ngeli thuba abanye besiya kumagumbi abo okufundela. Utitshalakazi uya nabafundi abatsha kwigumbi lokufundela aze abaxelele ukuba bahlale phantsi.

ULinda uhleli ecaleni koPinki basuka kwilali enye. Loo nto yenza uLinda azive onwabile. Kukho imifanekiso emininzi neetshathi edongeni. Inj ana kaPinki, uSpoti, umlandele ukuya esikolweni. Uzama ukuyifihla. Oku kuyamoyikisa uLinda kuba ucinga ukuba utitshalakazi angamgxotha umhlobo wakhe uPinki nenj ana ukuba bagoduke. Amakhwenkwe ngelo xesha adlala noSpoti. Abiza inj ana, kwaye usizana olunguPinki lugade inj ana . Utitshalakazi kaPinki ubona uSpoti!

Nj engoko iselusuku lokuqala, utitshalakazi ugqiba ekubeni angabi ngqongqo kakhulu. Uyalela uPinki ukuba eze ngaphambili aze axelele iklasi ngoSpoti – wayemfumana phi, kwaye umkhathalela nj ani. UPinki uyayithanda inj ana yakhe kwaye uyakuthanda ukuthetha ngayo. ULinda uyavuya. Uyekile ukoyika kuba uyaqonda ukuba utitshalakazi unobubele.

1.1 **Kwenzeka ntoni xa amakhwenkwe eqalisa ukudlala noSpoti?**

1.2 **Gqibezela esi sivakalisi.**

Utitshalakazi kaPinki wambizela ngaphambili ukuze...

1.3 **USpoti wayesesikolweni noPinki. Wayekhathazekile ngokubakho kukaSpoti esikolweni?**

Kwakwenzeke njani ukuba uSpoti abe sesikolweni?

1.4 **Ukuba wawungutitshalakazi,ngowawenze njani ?**

1.5 **UPinki kufuneka enze ntoni kwixesha elizayo ukunqanda uSpoti angezi esikolweni?**

2. **Jonga umfanekiso ongezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.**

Umhla: NgoLwesithathu 30 Meyi 2012

Ixesha: Ixesha lekhefu

Indawo: Iholo lesikolo



Intengiso yeekeyiki

Iza kunceda iinkedama ze HIV

2.1 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo.**

Ubizwa ntoni umntu obhaka ikeyiki?

- A Lipolisa
- B ngutitshala
- C ngonosilarha
- D ngunobhaka

2.2 **Gqibezela isivakalisi ngokufakela igama elifanelekileyo.**

Ukuthengiswa kwekeyiki kuya kuba ngo.....

(Mvulo Lwesithathu Lwesine Lwesihlanu)

2.3 **Biyela igama alifanelekileyo.**

Abafundi baza kuzithengisa nini ikeyiki?

(phambi kokungena kwesikolo ukuphuma kwesikolo ngexesha
lekhefu ngethuba le-Art)

2.4 **Krwelela impendulo echanileyo.**

(I mali I zihlangu I ingubo Ukutya) i/zi/ku qokelelelwa
iinkedama zesandulela sikagawulayo.

2.5 **Beka u-X kumagama angafanelekanga.**

Sisebenzisa ... ukubhaka ikeyiki.

- A Iglu
- B amaqanda
- C isanti
- D ipeyinti

3. **Funda iculo labantwana uze uphendule imibuzo elandelayo.**

Bumba ikeyiki,bumba ikeyiki,Mbhaki.

Ndibhakele ikeyiki ngokukhawuleza.

Yibumbe uyixhola-xhole uze uyibhale u-B.

Yifake e-ovenini yeyam noBabalwa.



3.1 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Umbhaki uyibhakela bani ikeyiki?

- A Yena
- B Usisi wam
- C Mna noBabalwa
- D UMama noTata

3.2 **Gqibezela esi sivakalisi.**

Ndibhaka ikeyiki e.....

3.3 **Khetha uze ukrwelele unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Phambi kokuba ndifake ikeyiki kwi-oveni, kufuneka ndi...

- A Korobhe umgangatho.
- B Hlambe iimpahla.
- C Layite i-oveni.
- D Cime i-oveni.

3.4 **Krwelela impendulo efanelekileyo yombuzo olandelayo.**

Ngowuphi unobumba owabhalwa ngumbhaki ekeyikini?

(D B P T)

3.5 **Phendula umbuzo ngawakho amazwi.**

Kutheni intlama yekeyiki ingonyuki?

4. **Funda le ntetho ihlekisayo uze uphendule imibuzo elandelayo.**

Umama ungena endlwini yonyana wakhe aze athi edlamkile,

"Vuka.Vuka.Lixesha lokuya esikolweni."

Unyana uyaphendula,"Andifuni kuya sikolweni."

"Kufuneka uyile,"utshilo umama.

"Ndiyasicaphukela esa sikolo. Abantwana bakhohlakele ,bazindlavini."

"Kusafuneka uyile,"wakuza umama.

"Kusisiphithi-phithi. Abanye bayalwa.

Bandifungela ubuncinane amaxesha ali-100 ngemini." Wakhala unyana.

"Kufuneka uye esikolweni!!"

"Kutheni kufuneka ndiye?"wabongoza unyana .

"Ngoba," waphendula umama,"Uyinqununu!"

4.1 **Bhala amagama abe mabini ekunzima ukuwafunda.**

4.2 **Athetha ukuthini amagama angezantsi?**

edlamkile

bandifungela

4.3 **Khangela amagama ama-2 kule ntetho ihlekisayo angoo-nontathu uze uwabhale phantsi.**

4.4 **Khangela igama kwintetho ehlekisayo elithetha into enye neli...**

ukubukula.....

utitshala omkhulu.....

4.5 **Funda intetho ehlekisayo uze uphendule umbuzo ngesivakalisi esipheleleyo.**

Kwakutheni kufuneka unyana eyile esikolweni?

5.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Libhale kwisithuba esishiyiweyo.**

U.....wasibalisela sade sahleka.(mhlekisi, mhlakazi)

Inkwenkwana yacinezela iqhosha
(lokunqamisa lokunqumamisa).

5.2 **Biyela impendulo echanileyo.**

Umntu obhala incwadi ngu...

- A mbali.
- B mbhali.
- C mbhalo.
- D mbhelu.

5.3 **Krwelela amagama afanelekileyo.**



ukubona umbono



futha vuthela

5.4 **Jonga imifanekiso uze ufakele zandi ezishiyiweyo. (nt! ty)**



I komi...i



i...anzi.

5.5 **Sebenzisa la magama akumbuzo ongasentla wenze isivakalisi ngegama ngalinye.**

6.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo yakho.**

Sisiphi isandi u"tsh" kumagama angezantsi elingabizwa ngokufanayo?

- A Umtshato
- B Uyatshaya
- C Utshabhile
- D Ulutsha

6.2 **Biyela unobumba onegama elichanileyo.**

UTata ugcwalisa imoto yakhe nga ... xa sisiya ekhefini.

- A mathofu
- B mathafu
- C mafutha
- D mafuthu

6.3 **Krwelela igama elifanelekileyo.**

Leliphi igama elingenamvano-siphelo namanye?

I mbombo umthombo ithemba iimbambo

7.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Ndithanda ukutya ...

- A umngqusho.
- B umnqusho.
- C ungqusho.
- D unqgushu.

7.2 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Ndithanda ukufunda i ... yamabali.

- A Ncadi
- B ncwadi
- C ncwida
- D cwadi

7.3 **Funda isivakalisi uze ukrwelele igama elichanileyo.**

Kufuneka ndikame(inele, iinwele)phambi kokuba ndiye esikolweni.

7.4 **Jonga umfanekiso uze ufakele igama elishiyeleyo.**



I zolo ndiibhayisekile yam. (khwele khwela)

7.5 **Yakha isivakalisi ngegama elilandelayo.**

I posi

8.1 **Phinda ubhale la magama ngokudibanisa.**

ikati

ugqirha

8.2 **Krwelela igama elifanelekileyo.**

UMama uthanda ukuthenga iimpahla (ethobileyo ethotyweyo).

8.3 **Bhala kwakhona esi sivakalisi udibanisa.**

Ndifuna ukuya kuthenga iiswiti evenkileni.

8.4 **Fakela amagama ashayiweyo. Bhala ngokudibanisa isivakalisi.**

Inkwenkwe nebafuna u.....esikolweni.

8.5 **Biyela igama elifanelekileyo uze uphinde ubhale isivakalisi ngokudibanisa.**

Ndifuna uku(hamba homba)ndiye edolophini.

9.1 **Phinda ubhale esi sivakalisi udibanisa.**

Izolo siye kumyezo wezilwanyana.

9.2 **Gqibezela ngokubhala oonobumba ubhala ngokudibanisa. Bhaala ngonobumba abakhulu.**

X..... y Z

9.3 **Tshatisa oonobumba ababhalwe ngokudibanisa nababhalwe ngokungadibanisi.**

	Uluhlu A	Uluhlu B
9.3.1	E	A. G
9.3.2	G	B. E

9.4 **Phinda ubhale magama owanikiweyo ngokudibanisa. Sebenzisa oonobumba abakhulu apho kukho imfuneko.**

iinzipho

ebhayi

9.5 **Khuphela esi sivakalisi usibhala ngokudibanisa. Sebenzisa iphepha elingenamigca.**


Sabona iinkawu ezintlanu neengonyama ezimbini kumyezo wezilwanyana.

10.1 **Bhala ibali elinemigca e-10 ngesilwanyana osithandayo.**

10.2 **Bhala ibali lihagwana Ezintathu ngawakho amazwi. Bhala ubuncinane phakathi kwemigca e-8 ukuya kwe-10.**

10.3 **Chaza ingcuka kwibali lihagwana Ezintathu. Chaza inkangeleko yayo,into eyityayo,into eyifunayo,into eyenzayo. Bhala izivakalisi ezi -8 ukuya kwezi -10 .**

10.4 **Bhala ibali elinezivakalisi ezi - 10 ngethole lendlovu elingezantsi.**



10.5 **Bhala ibali lakho elifutshane nokuba kungesiphi isilwanyana,eli bali libhalelwa ithala lencwadi leklasi. Zoba um/imifanekiso yebali.**

11.1 **Khetha uze ubiyele unobumba onesichazi esifanelekileyo.**

Ndabona ingonyama e... kumyezo wezilwanyana.

- A Khulu
- B nkula
- C nkulu
- D nkalu

11.2 **Krwelela isihlomelo kwizivakalisi ezilandelayo.**

Ingonyama itya ngokungxama.

Indlovu ihamba ngokucotha.

11.3 Biyela isenzi kwizivakalisi ezilandelayo.

Iinkawu zidlala ezindlwini zazo.

Ihlosi lilele elangeni.

11.4 Tshatisa isilwanyana nomntwana waso.

Uluhlu A	Uluhlu B
11.4.1 Ingonyama	A. inkonyana
11.4.2 ihashe	B. ithole lesilo

11.5 Fakela isibizo kwisivakalisi ngasinye.

I iyafutha xa usondela kuyo.

I iyagquma xa icaphuka.

12.1 Bhala ubuncinane izivakalisi ezi-10 ngeendaba zakho.

12.2 Bhala ubuncinane izivakalisi ezi-10 ngotyelelo lwakho kwagqirha wamazinyo.

12.3 Bhalela iphepha lasekuhlaleni iingxelo ibe zizivakalisi ezi-10 ngetheko lonikezelo mabhaso lasesikolweni sakho.

12.4 Bhala ibali lakho ngentombazana okanye inkwenkwana etyelele kwagqirha.

12.5 Bhala izivakalisi zibe-10 ngosuku lwakho lokuqala kwibanga le-3.

13.1 Phinda ubhale esi sivakalisi usebenzise indlela yokubhala evumelekileyo.

uyile ethekweni likathabo ngomgqibelo

13.2 Phinda ubhale esi sivakalisi usebenzise indlela yokubhala evumelekileyo.

sukutya iiswiti ikeyiki iitshiphusi neetshokholeyithi

13.3 **Bhala izivakalisi zibe zi-3 (umhlathi o-1) usebenzisa ezi mpawu zokubhala zivumelekileyo:**

ikoma unobumba omkhulu uphawu lokukhuza isingxi

13.4 **Khetha uphawu lokubhala uze ulubhale kwisivakalisi esilandelayo. Lubeke kwindawo efunelekileyo.**

, . ? !

Nceda hlala phantsi

13.5 **Bhala ngendlela efanelekileyo umhlathi olandelayo. Phinda ubhale ezi zivakalisi.**

UTHina uleqa ubhuti wakhe uvuyo ukwehla ngendlela ndiza kukufumana wena wamhleka emjonga ngasemva. UThina wabambeka kwindlu yesigcawu. Watsiba-tsiba ekhala. Sikum sisuse

14.1 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

... amahlanu aphunga iti.

- A Amaninekazi
- B Abanenekazi
- C Amanenekazi
- D Amanonokazi

14.2 **Krwelela igama elifanelekileyo.**

Wenze umsebenzi encwadini yakhe (mdaka kamdaka ngobumdaka ngokumdaka).

14.3 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Zininzi ... efama.

- A Amagusha
- B iigusha
- C oogusha
- D iingusha

14.4 **Tshatisa isinye nesininzi segama.**

Uluhlu A	Uluhlu B
14.4.1 Iqgabi	A Imiphunga
14.4.2 Umphunga	B Amagqabi

14.5 **Jonga umfanekiso uze ubhale isivakalisi kwisininzi .**

Amantombazana anxibe ii.....ezintle ukuya epatini.



15.1 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Ndiya esikolweni.

kodwa

I zolo ... esikolweni.

- A Ndiyaya
- B ndaya
- C ndiye
- D ndizakuya

15.2 **Phinda ubhale esi sivakalisi uqale ngegama "Izolo".**

Batya ama-apile.

Izolo

15.3 **Phinda ubhale lo mhlathi uwubhale kwixesha elidlulileyo.**

Mna nenj a yam sihamba endleleni.Nj engoko sisondele kwaMikha umbhaki uyasikhwaza ukuba sime.

15.4 **Tshintsha esi sivakalisi usise kwixesha eliza kuza. Uqale ngegama u "Ngomso".**

Ndihlamba amazinyo.

15.5 **Bhala izivakalisi zibe zibini zibe kwixesha eliza kuza.**